University of Fort Hare

*Together in Excellence*

# EAST LONDON CAMPUS

## POSTGRADUATE CERTIFICATE IN EDUCATION

**IKHOWUDI: HLX 511E TEST**

## EYESILIMELA 2023

| | |
|---|---|
| **IXESHA** | **: Iiyure zintathu** |
| **ABAVAVANYI BANGAPHAKATHI** | **: Dr T. Bubulu** |
| | **Dr B. Ramadiro** |
| **UMVAVANYI WANGAPHANDLE KWEDYUNIVESITI:** | **Dr P. Cutalele** |
| **AMANQAKU EWONKE** | **: 100** |

**This paper consists of 3 pages including cover page**

**IMIYALELO:**

- Uneeyure ezintathu , uphendula imibuzo oyinikiweyo
- Wufunde uwufundisise umbuzo phambi kokuba uphendule, phola
- Yiphendule yonke imibuzo, uzinqande xa unengcinga yokushiya izikhewu
- Bhala ngokucacileyo, oko ukubhalayo kufundeke, kulandeleke

**Icandelo lokuqala**

**Umbuzo 1 [20]**

Khawutyatyadule ucubungula ukubaluleka kohlumo lokufunda nokubhala (emergent reading and writing). Oku ukwenza ungqiyame ngezi ngongoma (20)

- Yintoni uhlumo lokufunda nokubhala (emergent reading and writing)?
- Kutheni lubalulekile?
- Ungaluxhasa njani uphuhliso lwalo?
- Uwadala nini amathuba okuba abantwana baphuhle kulo?
- Umvavanya njani umfundi?
- Usebenzisa eziphi izixhobo? Njani?

**Umbuzo 2 [9]**

Cacisa la masetyana ayamene njani nokufunda ngokuqiqa ( reading comprehension) (1) isigama ( vocabulary),

(2)ulwazi umfundi analo ( background knowledge)

(3) nezakhono zokufunda ngokuqiqa ( reading comprehension strategies)

**Umbuzo 3. [15]**

Nika iingongoma zibe ntlanu emakugxininiswe kuzo xa kusenziwa isifundo notitshala . Bonisa amanyathelo onokuwathatha xa usenza isifundo notitshala ukwenza oku ngokunika imizekelo yasegumbini lokufunda. (15)

**Umbuzo 4. [25]**

Sebenzisa eli phetshana lithathwe kwiKharityhulam uCAPS ukuceba isifundo sosuku. Ezi ngongoma uzicacise (25)

- Isakhono solwimi (content area)
- Umxholo (topic)
- Iinjongo zesifundo (lesson aims)
- Isingeniso (introduction)
- Ulwazi olutsha (lesson development)

- Izixhobo ezizakusetyenziswa ekufundiseni
- Isiqosheliso (conclusion)
- Uvavanyo (assessment)

**Icandelo B**

**Umbuzo 5 [15]**

Cebisa ubonisa nangemizekelo ngenkqubo emayilandelwe ekhokelela ekuqaliseni ukufunda ukubhala

(15)

**Umbuzo 6 [16]**

Lithuba lokuba usibhalele ngokwakho

- Bhala ngesandla wenze ipateni ngonobumba u W, ubhale enye ngonobumba u N, ze wenze enye ngonobumba u P.
  (3)
- Bhala oonobumba ukusuka kuA uyokutsho kuZ (alphabets), ubhala unobumba omkhulu kunye nonobumba omncinci ngokuhlanganisa ngokokuzalana kwazo.
  (3)
- Bhala imihlathi ibemibini ( paragraphs) ngokudibanisa , ubhala ibalana nokuba lingantoni , uqinisekisa ukuba linentsingiselo ethile.
  (10)

**AMANQAKU EWONKE [100]**